basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**SENIOR CERTIFICATE/
NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

# IBANGA 12

**XHOSA.1**

**ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)**

**IPHEPHA LOKUQALA (P1)**

**NOVEMBA 2020**

**AMANQAKU: 120**

**IXESHA: Iiyure 2½**

**Olu viwo lunamaphepha ali-17.**

# MORNING SESSION

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMANE angala:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Isishwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (40) |
| ICANDELO D: | Uncwadi | (40) |

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Bhala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni kweCANDELO ngaLINYE.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | Imizuzu engama 50 |
| ICANDELO B: | Imizuzu engama 20 |
| ICANDELO C: | Imizuzu engama 40 |
| ICANDELO D: | Imizuzu engama 40 |

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicatshulwa ngononophelo uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

### USOMASHISHINI WASEFREYISTATA

**UMHLATHI 1**


Namhlanje uMakhato unamashishini aquka iivenkile ezimbini ezithengisa izinto zokuthambisa, iisuphamakethi ezimbini, ijim kunye nesitora. Kodwa ukuba ucinga ukuba uphumelele lula, libala ...

**UMHLATHI 2**



UTommy Makhato waseQwaqwa eFreyistata ngusomashishini obona isitya emnyameni. Uyakwazi ukusebenzisa amathuba awafumanayo. Ibali lakhe liqala ngeminyaka yoo-1970, xa wayesebenza njengeweyitala kwihotele yaseRhawutini. Omnye wabathengi owayesoloko ethenga apho yayiyindoda eyayinxiba iimpahla zexabiso kwaye yayisoloko ibonakala iphethe imali eninzi. Rhoqo xa eyinika ukutya le ndoda yayimpha imali yokumkhuthaza. Ekugqibeleni, uMakhato waba nesibindi sokuyibuza ukuba iyithatha phi imali eninzi kangaka. 'Wandixelela ukuba uneesaluni ezininzi,' utsho uMakhato. 'Wathi ukuba ndizimisele ukuba nemali njengaye, kufuneka ndivule isaluni.'

**UMHLATHI 3**



UMakhato akazange achithe xesha. Wenza izifundo zokulungisa iinwele. Akugqiba ezi zifundo, wayeka umsebenzi wakhe ehotele wazivulela isaluni yakhe eOrlando East eSoweto. Ngenxa yokhuphiswano kweli shishini yatshona isaluni yakhe. Kodwa uMakhato wayengenakunqandwa mntu. Ngo-1980, ene-R7 000 awayeyibekile, waya kuhlala eQwaqwa apho wafika wavula enye isaluni. Waqala isaluni enabasebenzi abane kwaye wathengisa neemveliso zeenwele. Kungoku nje unabasebenzi abangaphezulu kwama-200. Phakathi kweembasa awazifumanayo yi*Hair Stylist of the Year*, *Sowetan Sanlam Entrepreneur of the Year* 2000 ne*Sanlam Businessman of the Year 2001.*

**UMHLATHI 4**

Uluntu lwalapho lumthabatha njengenkokheli, kodwa uMakhato akayamkeli loo nto. 'Ndizimisele qha,' uyancuma. Lifikile ixesha lokuba siyeke ukwamkela izinto esiziphiwayo. Lifikile ixesha lokufezekisa amaphupha neminqweno yakho. Akekho umntu owandincedayo okanye owandiphatha ngokwahlukileyo kunabanye abantu. Ishishini endinalo namhlanje ndaliqala ngemali yam.' UMakhato uncoma inkxaso yenkosikazi yakhe, uPatricia, obesoloko ekunye naye nangamaxesha obunzima. Usapho lukaMakhato lubulela uluntu ngenkxaso yalo ngokunika inkxaso-mali kwikliniki *nesoup kitchen* yasePhuthaditjhaba, iBopanang *Stimulation Centre* neQwaqwa *Remedial Social Care Group.* Abafundi abangenayo imali yokufunda kumaziko emfundo aphakamileyo, nabo bafumana inkxaso-mali kusapho lwakwaMakhato.

[Sikhutshwe kwi*Bona*, Septemba 2001, saze sahlelwa]

JONGA KUMHLATHI 1:

1.1.1 Yinyaniso okanye bubuxoki? UMakhato ungusomashishini ophumeleleyo. Xhasa impendulo yakho. (2)

JONGA KUMHLATHI 2:

1.1.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi. Ibali likaMakhato liqala ngeminyaka ...

A yoo-1970.
B yoo-2001.
C yoo-1980.
D yoo-2000. (1)

1.1.3 UMakhato wayesebenza njengantoni kwiminyaka yoo-1970? (1)

1.1.4 Xela izinto zibeMBINI awayesoloko ezibona komnye wabathengi kwihotele awayesebenza kuyo uMakhato. (2)

1.1.5 Yayimkhuthaza ngantoni uMakhato le ndoda? (1)

1.1.6 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi. Indoda eyayinxiba iimpahla zexabiso ...

A yayingumsebenzi.
B yayithengisa.
C yayingumthengi.
D yayinguMakhato. (1)

1.1.7 Chaza ngokufutshane ukuba yintoni 'isaluni'. (2)

1.1.8 Xela icebo awalifumanayo uMakhato kule ndoda. (1)

JONGA KUMHLATHI 3:

1.1.9 Wafunda ntoni uMakhato phambi kokuvula isaluni yakhe? (1)

1.1.10 Wayivula phi isaluni yakhe yokuqala? (1)

1.1.11 Chaza isizathu sokutshona kwesaluni yakhe yokuqala. (1)

1.1.12 Wenza ntoni uMakhato nge-R7 000 awayeyibekile? (1)

1.1.13 Siqonda njani ukuba ishishini lakhe lesibini liyaphumelela? (2)

JONGA KUMHLATHI 4:

1.1.14 Kutheni abantu baseQwaqwa bemthatha njengenkokheli uMakhato? (2)


1.1.15 Sifunda ntoni kuMakhato kwesi sicatshulwa? (2)

1.1.16 Inkosikazi kaMakhato imxhase ngantoni uMakhato ebomini bakhe? (2)

1.1.17 Abafundi baseQwaqwa bancedwa njani lusapho lwakwaMakhato? (1)

1.2 Qwalasela le grafu uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**




[Ithathwe kwi-http://ielts-english.info yaze yahlelwa]

1.2.1 Sesiphi isithuthi esisetyenziswe kancinci kunezinye ngonyaka ka2000? (1)

1.2.2 Sesiphi isithuthi esisetyenziswe kakhulu kunezinye phakathi konyaka ka1990 nonyaka ka2010? (1)

1.2.3 Xela umahluko kwizinga lokusetyenziswa kweebhasi neemoto kwiminyaka ye-1990 ukuya kowama-2010. (2)

1.2.4 Abahambi bakhethe uloliwe ngaphezu kwebhasi ngowuphi unyaka? (1)

1.2.5 Nika ipesenti yokusetyenziswa kwebhayisekile ngo2010. (1)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa singezantsi simalunga **nezinto ombona ngazo umntu osebenzisa iziyobisi** uze ubhale uluhlu lweengongoma EZISIXHENXE oza kuzinika abazali kwindawo ohlala kuyo.

**QAPHELA:**

1. Bhala iingongoma eziSIXHENXE ngezivakalisi ezizeleyo.
2. Sebenzisa amagama akho kangangoko unakho.
3. Izivakalisi zakho zinombole ukusuka ku-1 ukuya kwi-7.
4. Bhala isivakalisi ngasinye kumgca omtsha.
5. Ushwankathelo lwakho MALUNGADLULI KUMAGAMA ANGAMA-50.
6. Bonisa INANI LAMAGAMA OWASEBENZISILEYO EWONKE kwizibiyeli ekupheleni koshwankathelo.

**ISICATSHULWA C**

**IZINTO ONOKUMBONA NGAZO UMNTU OSEBENZISA IZIYOBISI**

Ukusebenzisa iziyobisi kuyayitshintsha kakhulu inkangeleko yomntu. Qwalasela ezi mpawu zisixhenxe zimalunga nendlela etshintsha ngayo inkangeleko yomntu osebenzisa iziyobisi.



[Sithathwe kwi-http://pkk.horizon-health.org]

**Iinwele**
Ziyawa iinwele zomntu okanye umntwana osebenzisa iziyobisi, athi ngoku ebeneenwele ezintle nezomeleleyo, zisuke ziqalise ukuxhwitheka ngenxa yeekhemikhali ezikwiziyobisi.

**Amehlo**
Umntu osebenzisa iziyobisi ngokugqithisileyo nosele exhomekeke kuzo, ubonakala ngamehlo abomvu, ukuze kuthi nalapha ezantsi kwamehlo, ulusu luqalise ukujika lufe mnyama.

**Ukubhitya**
Uninzi lwabantu abaxhomekeke kwiziyobisi baxolela ukungatyi kunokuba bangazisebenzisi iziyobisi. Ngenxa yoku, uye uqaphele ukuba imizimba yabo iyehla, bakhangeleke bebhitye oku komcinga.

**Iimpawu nemivambo**
Enye indlela yokuqaphela umntu osebenzisa iziyobisi, ingakumbi osele ezisebenzisa ithuba elide, kukuthi xa umjonga apha ezingalweni nasemilenzeni, ufike eneempawu okanye iziva zeenaliti.

**Amazinyo**
Umntu uthi ngoku ebenamazinyo amahle nabengezelayo, usuke umbone esiba namazinyo ajika umbala afune ukuba mdaka aze agqole.

**Isimo somntu**
Isimo somntu osebenzisa iziyobisi sihlala sitshintsha maxa onke, nithi ngoku benimgqibele onwabile, suka nimbone engatyhilekanga.

**Umdla wokutya**
Xa umntu sele ezinikezele ekusebenziseni iziyobisi, uqapheleka ngokutshintsha komdla wakhe ekutyeni. Abanye baye baphelelwe ngumdla wokutya ukanti abanye bafune ukuhlala besitya maxa onke.

[Isicatshulwa sithathwe kwi*Move* Magazine, November 2016, saguqulwa saze sahlelwa]


**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

## UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO

Qwalasela esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA D**




[Sithathwe kwi*Bona* Xhosa, Januwari 1997 saze sahlelwa]

3.1 Yintoni le ithengiswayo apha? (1)

3.2 Lungisa ulwimi olungachanekanga kwigama elikrwelelwe umgca ngaphantsi,

'Iziselo <u>seziqhamo</u> ezimnandi ziyafumaneka.' (1)

3.3 Sithini isilogani sesi sibhengezo-ntengiso? (1)

3.4 Bhala iindidi EZIMBINI zeziqhamo ezifumaneka kuzo iincindi zeTanga. (2)

3.5 Chaza ukuba ibaluleke njani imifanekiso yeziqhamo kwesi sibhengezo-ntengiso. (2)

3.6 Xela ipesenti yencindi yeziqhamo ezenziwa ngayo iziselo zeTanga. (1)

3.7 Ucinga ukuba le ncindi yeTanga ibalungele bonke abantu? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[10]**

**UMBUZO 4: IKHATHUNI**

Funda le khathuni ngenyameko uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA E**




[Ithathwe kwi-www.africartoons.com yaze yahlelwa]

4.1 Khetha igama elithetha into enye negama, 'imfihlelo' kula alandelayo.

A Ilima
B Isenzo
C Idinga
D Icebo (1)

4.2 Xela injongo yokusetyenziswa kwekoma kwisakhelo sesi-2. (1)

4.3 Chaza umahluko kwindlela uLizo noLwazi abasebenzisa ngayo izandla xa bethetha. (2)

4.4 Chonga iimpawu eziMBINI kule khathuni ezibonisa ukuba uLwazi ngumntu omdala. (2)

4.5 Igama 'gqitha' kwisakhelo sesi-2 likwenza ucinge ntoni? (2)

4.6 Nika umyalezo wale khathuni. (2)
**[10]**

**UMBUZO 5: IPROZI**

5.1 Funda lo mhlathi uze uphendule imibuzo engezantsi.

**ISICATSHULWA F**

**IINTLANZI**

Zininzi iintlanzi emlanjeni. Kukho ezinkulu ezimdaka nezincinane ezibomvu. Intlanzi ilobwa ngomsundululu. Intloko yayo imboxo inde. Amehlo ayo abukhali kodwa adyamdyam enzelwe ukubona lula emanzini. Indalo ilungiselele ukuba intlanzi ikwazi nokuphefumla ngaphantsi kwamanzi. Ungayibona xa idada ivula loo mlonyana wayo iphefumla. Kukwakho nentlabathi ngasemlanjeni phaya. Eninzi entle siyifumana elwandle yaye apho sifumana iintlobo ngeentlobo zeentlanzi. Kufike nabahlobo ekhaya izolo bephethe iintlanzi ezihlanu. Umalume uzitye ngoburhovu. Ubawo wamngxolisa ngesi senzo soburhovu umalume. Waba neentloni wacela uxolo. Intle nendawo ehlala abalobi *ngasemitini*.

[Uthathwe kwi-*Sazi isiXhosa*, Jongilanga nabanye,Via Afrika *wa*ze wahlelwa]

5.1.1 Khetha igama elichanekileyo kula akwizibiyeli.

(a) Iintlanzi (lona/zona/yona) zininzi emilanjeni. (1)

(b) Intloko yayo (imboxo/imbhoxho/imbhoxo). (1)

5.1.2 Bhala phantsi isimaphambili seli gama: abalobi. (1)

5.1.3 Lungisa igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sicatshulwa.

(a) Iintlanzi ilobwa ngomsundululu. (1)

(b) Kufike nabahlobo ekhaya izolo bephethe iintlanzi ezihlanu. (1)

5.1.4 Bhala isichasi seli gama: -bukhali. (1)

5.1.5 Bhala isivakalisi ngasiNYE kwezi zingezantsi zibe kwixesha elibhalwe kwizibiyeli.

(a) Ubawo wamngxolisa ngesi senzo. (Ixesha elizayo) (1)

(b) Sifumana iintlobo ngeentlobo zeentlanzi. (Ixesha elidlulileyo) (1)

5.1.6 Isimamva u-'ana' okwigama elithi umlonyana usebenze msebenzi mni? Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi:

A Isini
B Isixando
C Isinciphiso
D Isimnini (1)

5.1.7 Chonga isihlanganisi kwesi sivakalisi singezantsi.

Amehlo ayo abukhali kodwa adyamdyam. (1)

5.1.8 Bhala phantsi umbuzo oza kunika le mpendulo.

Zininzi iintlanzi emlanjeni. (1)

5.1.9 Lungisa upelo kweli gama libhalwe bukekela: *ngasemitini*. (1)

5.1.10 Yakha isibizo kwesi senzi:

-cela (1)


5.1.11 Bhala isilanduli sesi sibanjalo:

Buburhovu (1)

**KUNYE**

5.2 Qwalasela lo mfanekiso uhamba netekisi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA G**




[Lo mfanekiso uthathwe kwi-*Discovering isiXhosa Grade 6,* B Gough, N Tshabane, Shuter and Shooter waze wahlelwa]

5.2.1 Phinda ubhale lo myalelo igama elinomgca ngaphantsi libe kwisininzi:

'<u>Musa</u> ukunika inja ukutya etafileni!' (1)

5.2.2 Bangaphi abantwana kulo mfanekiso? (1)

5.2.3 Bhala igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi ngokuchanekileyo.

Thatha isonka, <u>unika</u> inja. (1)

5.2.4 Lungisa isivumelanisi sentloko esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi:

Intombazana <u>zi</u>cela ityuwa. (1)

5.2.5 Khetha igama elichanekileyo kula akwizibiyeli.

(a) Umntwana (utyela/utyisa) inja ngasetafileni. (1)

(b) (Eli/Olu) sapho lonwabile. (1)

**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**

## ICANDELO D: UNCWADI

## IMIYALELO NENGCACISO

- Khetha incwadi ENYE kuphela uphendule imibuzo yale ncwadi uyikhethileyo.
- Ukuba ukhetha *uSAKOHLULWA ZIINDUDUMO* uze uphendule UMBUZO 6.
- Ukuba ukhetha uNANDIWEZA uze uphendule UMBUZO 7.

## UMBUZO 6: *SAKOHLULWA ZIINDUDUMO* – Isaac Tau

6.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA H**

| | |
|---|---|
| NOMHI: | … Lilonke ke bhuti wam, sele kukudala ndisithathile esi sigqibo. |
| DUKE: | Usithathe nabani ke eso sigqibo uthi wena siyakukholisa? |
| NOMHI: | *(Ngoncumo.)* Nomntu endamthanda iminyaka. Endimthandayo nangoku ndithetha nawe nje, ndibe ndohlala ndimthanda unaphakade. |
| DUKE: | Nakubeni ndibuhlungu nje Mhimhi ngale nto uyithethayo apha kum, soze ndikuvalele ngaphandle. Ndiyaqonda ukuba kusafuneka uziqwalaselisise zonke iimfuno zobomi, emva koko uza kwenza isigqibo esiqavileyo. |
| NOMHI: | Musa ukundisizela mntakwethu. Esi sigqibo ndithetha ngaso sisithembiso esathembisana ngaso mna nalo ndimthandayo. |
| DUKE: | *(Ethe minxi ngumsindo.)* Uyazi ukuba useza kundicinga ngenye imini abe engabonakali nangetshengele lo mntu ugwagwisa ngaye. Ngelo xesha ndobe ndichasele kude ndixel' ithamsanqa apha kuwe sana. |
| NOMHI: | Uze ungandisizeli. *(Atsho ehamba.)* |
| DUKE: | Phuma uphele emaphupheni am!<br>*(Ecaphuka.)* |

6.1.1 Ngubani lo amthande iminyaka uNomhi? (1)

6.1.2 Xela igama lekholeji abafunde kuyo ooDuke. (1)

6.1.3 Ingaba uNomhi wahlala emthanda ubomi bakhe bonke lo mntu athetha ngaye? Xhasa impendulo yakho. (2)

6.1.4 Xela esi sithembiso wayethembisene ngaso nalo mntu amthandayo. (2)

6.1.5 Siqonda njani ukuba uDuke wayecaphuka? (1)

6.1.6 Ufuna kuthini uDuke xa esithi uMhimhi useza kumcinga? (2)

6.1.7 Wabulawa yintoni uGaba? (2)

6.1.8 Nika izinto zibeMBINI uMasukude awayala ngazo intombi yakhe. (2)

6.1.9 UMatesh wenze ntoni ukuze uNomhi athandane noDuke? (2)

6.1.10 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.
Ukuthi 'ndichasele ndixel' ithamsanqa', kuthetha ukuthi …

A uye umthanda umntu.
B uye ungamthandi umntu.
C uye umcela umntu.
D uye umlilela umntu. (1)

6.1.11 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM B nentetho echanekileyo kuKHOLAM A. Bhala kuphela unobumba nenombolo efanelekileyo.

Umzekelo: (e) = A

| **KHOLAM A** | | **KHOLAM B** | |
|---|---|---|---|
| (a) | Baby. Ndinecebo mna. Kuya kufuneka ubonane nogqirha. Ungathi kanti unesifo sentliziyo. | A | uMasukude |
| (b) | Umoya phantsi mama, soze ndikuphoxe. | B | uNomhi |
| (c) | MamNtlane khawuthi tu okwangoku. Yinyewe yamadoda le singayo apha. | C | uGaba |
| (d) | Mene-menekazindini! Ulixoki umthetho lo wakho, elincanyiweyo nokwenza oku. | D | uMatesh |
| | | E | uNzima |

(4 x 1) (4)

**KUNYE**

6.2 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA I**

VIDO: Ndiyabona ukuba kulapho athe walahlekelwa khona sisazisi sakhe. Loo nto ke asikhange siyihoye kuyaphi, kuba sithembele ekuthini siza kusifumana ngoMvulo kwalapha eposini ukuba silahleke khona. Iindaba ezibuhlungu ke kukuba kuye kwaqhekezwa eGoodyear kwangayo yona loo mpela-veki. Ezibuhlungu nangakumbi zezokuba ke isazisi sikaNzima sibhaqwe kufutshane netyesi yokugcina imali kwakulo mzi kuqhekezwe kuwo.

NOMHI: Ngamanye amazwi uNzima akakho kuyo yonke le nto?

VIDO: Injalo Mhimhi. Andiyithandabuzi yona into yokuba uNzima umsulwa kuyo le nto. Ingxaki apho ikhoyo ke ngoku, akukho bungqina bobumsulwa bakhe. Kungoku nje ke, ugwetyelwe iminyaka emithathu.

NOMHI: Vido, ndibulela isibindi obenaso ngokuza kundixelela ngoku kwakho. Okwangoku ndicinga ukuba ungakhululeka ndikhe ndibe ndodwa.

VIDO: Wethu, ungazenzakalisi, kuza kulunga.

6.2.1 Babencokola phi uVido noNomhi? (1)

6.2.2 Sisazisi sikabani esilahlekileyo? (1)

6.2.3 Kwakutheni ukuze angayihoyi le nto yokulahlekelwa sisazisi? (2)

6.2.4 YINYANISO/BUBUXOKI? Isazisi safunyanwa kufuphi neposi. Xhasa impendulo yakho. (2)

6.2.5 Chaza le nto athi uNomhi akakho kuyo uNzima. (2)

6.2.6 Kutheni uVido esithi akayithandabuzi into yokuba uNzima umsulwa? (2)

6.2.7 Xela eyona ngxaki yenza ukuba uNzima agwetywe iminyaka emithathu. (2)

6.2.8 Xela izinto zibeMBINI ezibuhlungu ezenzeka kuNzima phambi kokuba agwetywe iminyaka emithathu. (2)

6.2.9 Kwakulungile ukuba amapolisa angamvaleli uVido ezixelile ukuba nguye oqhekezileyo? Xhasa impendulo yakho. (2)

6.2.10 Bhala ezi ziganeko ngokulandelelana kwazo kule drama ukususela ku-A ukuya ku-D.

Umzekelo: A, C, D, E

A Nomhi wayetyelela uVido ngeholide yesikolo.
B Kuxoxa ityala lesibheno sikaNzima.
C UNomhi noNzima bathathe isibhambhathiso.
D UGaba wasweleka wade wangcwatywa. (4)

**[40]**

## UMBUZO 7: *NANDIWEZA* – Mbulelo Nzo

7.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA J**

'Kha uqiqe kakuhle, Nyikita. Ndive ngawe ukuba ukuza kwenu apha uncedwe nguKhanyizire othe ngobukrelekrele bengqondo nokukwazi ukukhulula ulwimi walwenza lula uhambo lwenu. Wena ngokwakho ubungasayi kufika apha. Kwakhona, yicinge into yokuba apha nize ngemali yakomkhulu. Wena ngokwakho undixelele ukuba uphelelwe. Umntu okuncedayo ngemali yecuba ikwa nguKhanyizire lo. Awucingi ukuba lithamsanqa leNkosi nelo. Uyasebenza yena waye ukukhathalele, akakulahlanga nangona wena ungayiboni loo nto. Ukuba niyahlukana, uza kuba ngumthwalo kum kude kube nini? Uyayicinga into yokuba nixabene ngento engabambekiyo, yena unayo imali yokuphindela ekhaya athethe ngawe ube ungenakuziphendulela? Ukuba kunjalo, uza kugodukela phi? Yitsho ukuba laa mzi wakho uwuncamile. Ndiyaphinda ndithi nika lo mntu intambo ende ukuze ukwazi ukuthi kuye, 'Kukude eHala.' libe ngelo xesha ilizwi lakho lingangcangcazeli.'

7.1.1 Ngubani lo ancokola naye uNyikita? (1)

7.1.2 Xela igama lendawo eqhubeka kuyo le ncoko ngokwesicatshulwa. (1)

7.1.3 Ingaba ngenene uKhanyizire wayekrelekrele ngengqondo? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.1.4 ULinda wamthembisa ngantoni uSibusiso? (2)

7.1.5 Caphula ubungqina obubonisa ukuba uKhanyizire wayelichule lokuthetha. (1)

7.1.6 Nika injongo yokuba uShoba athi uNyikita makaqiqe. (2)

7.1.7 Wawufumana njani umsebenzi uKhanyizire? (2)

7.1.8 Nika izinto zibeMBINI ezibangela ukuba akhangelwe uLuwanika. (2)

7.1.9 UBiggs wenze ntoni ukusindisa uLuwanika kumadoda awayemzungula ehotele? (2)

7.1.10 Yayisiya phi imoto ebomvu eyayiqhutywa nguSibusiso ngobusuku awahlaselwa ngabo ummelwane kaLuwanika?

Khetha impendulo echanekileyo kwezi:

Imoto yayisiya …

A edolophini isiya kubamba uBiggs.
B kuhlasela uLuwanika emzini wakhe.
C eMbera isisa uLuwanika kwakhe.
D kuhlasela kwaNdabazabantu. (1)

7.1.11 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM B nentetho echanekileyo kuKHOLAM A. Bhala kuphela unobumba nenombolo efanelekileyo.

Umzekelo: (e) = D

| KHOLAM A | | KHOLAM B | |
|---|---|---|---|
| (a) | Awucingi ukuba lithamsanqa leNkosi nelo. | A | ULuwanika |
| (b) | Nindomelezile nani ngokundiphatha olo hlobo. | B | Shoba |
| (c) | Andikholwa, Buvelaphi obu bungasuki efayilini. | C | Sibusiso |
| (d) | Hayi, ayevana la madoda kutsha nje. | D | Ngomnye umfazi |
| | | E | Nora |

(4 x 1) (4)

**KUNYE**

7.2 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA K**

'Ubona nje abona bantu bandilahlekisayo nguSakayire lo ekunye noKasayi. Ngabo aba bandihlohle umoya ombi kuba befuna inzuzo. Nangoku imfuyo kaNyikita ibiwe ngabo. Eyakho isinde ngokuthi wena ubashiye ngengqondo. Andizange ndiqonde ukuba kanti ndiyasetyenziswa ngala maxhalanga. Ndicela uxolo kuwe ndaye ndivuyela ukuba ndikubone phambi kwetyala eli.' Udomboze watsho uMwera. ULuwanika umxolele waza wamxelela ukuba wayesazi ukuba yena Mwera uphantsi kweempembelelo zeentshaba zakhe. Ube nosizi kakhulu uLuwanika akubona ingangalala, unkos' uMwera, ephalaza iinyembezi, ezisola ngento ayenzileyo.

Ukufika kukaLuwanika noKhanyizire kuwushukumisile umzi waseLilongwe. Uluntu luqondile ukuba imini yamatyala isondele. Ngenxa yengxelo kaLuwanika amapolisa aseMalawi ayaleze kwawoMzantsi Afrika ukuba kuthunyelwe uNyikita oseKaladokhwe kuba lelona ngqina libalulekileyo kwityala leenkomo ezibiweyo.

7.2.1 Babencokola bephi uMwera noLuwanika? (1)

7.2.2 Ngubani igama lomninawa kaNyikita? (1)

7.2.3 Kwakutheni ukuze uMwera avalelwe entolongweni? (2)

7.2.4 YINYANISO/BUBUXOKI? Imfuyo kaLuwanika yabiwa nguNyikita noKhanyizire. Xhasa impendulo yakho. (2)

7.2.5 Chaza le nto ayicelela uxolo uMwera kuLuwanika. (2)

7.2.6 Yintoni ebangela ukuba ukufika kukaLuwanika noKhanyizire kuwushukumise umzi? (2)

7.2.7 Nika ingxaki eyabangela ukuba uKasayi noSakayire bavalelwe. (2)

7.2.8 Xela iinzame zibeMBINI zikaBiggs zokukhusela uLuwanika. (2)

7.2.9 Kwakulungile ukungabanjwa kukaNyikita ngamapolisa emva kokubuya kwakhe eKaladokhwe? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.2.10 Bhala ezi ziganeko ngokulandelelana kwazo kule noveli, ukusukela ku-A ukuya ku-B.

Umzekelo: B, D, A, C

A ULuwanika ngumcebisi kaBiggs kwezoshishino.
B UKasayi noSakayire bayabanjwa bavalelwe.
C Umzi kaLuwanika uyahlaselwa.
D UNyikita ufumana umsebenzi eKaladokhwe. (4)

**[40]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 120**


WESTERN CAPE